

Amabala anengca ayawaqongqoloza amanzi

Kungongiwa umthamo omninzi wamanzi axabisekileyo aselwayo ngokusetyenziswa kwemithombo engeminye yamanzi ukunkcenkeshela amabala ethu anengca. Nangona kunjalo, kungcono ukungcina ibala lakho elinengca lilincinane ukuze wonge amanzi.

Ngokuhlola ukuba eneneni udinga umlinganiselo ongakanani webala elinengca, kuya kwenza kube lula ukucutha ibala lakho ngaphandle kokukhathazeka. Oku kuya kuba luluvo olulungileyo njengoko indlela osebenzisa ngayo amanzi iya kukuthwa kukugangatha umhlaba, ukugalela igrabile okanye zombini, ngokukodwa kwiindawo ekusoloko kuhamba kuyo abantu.

Nceda uqaphele

Amanzi asequleni/omthombo nemithombo yamanzi engeminye makasetyenziselwe eminye imisebenzi ingekuko ukusela. Ngenxa yeengozi kwimpilo nakumgangatho wamanzi ukusetyenziswa kwala manzi emakhaya akuvumelekanga phantsi kwazo naziphi iimeko.

Isiphelo

Amanzi ngumthombo wobuchule, oxabisekileyo nonqabileyo yaye luxanduva lommi wonke waseKapa ukuyicutha indlela awasebenzisa ngayo amanzi kwiigadi zethu nokukhangela imithombo yamanzi engeminye efana namaqula nemithombo, ukusebenzisa kwakhona amanzi amdaka, ukuzigcinela amanzi emvula nangokusebenzisa ubuchule nobulumko ekunkcenkesheleni iigadi zethu ngeenzame zokulondoloza amanzi ethu aselwayo axabisekileyo.

 **Lumka!**

 **Khusela isiXeko sethu!**

 **Khusela imeko-bume esiNgqongileyo!**

 **Yonga aManzi aselwayo!**

 **Yiba yinxalenye yesisombululo ufakele imithombo yamanzi engeMinye!**

Ulwazi olubalulekileyo

IZIKO LONCEDO NGEMINXEBA LESIXEKO SASEKAPA

Umnxeba: 0860 103 089

lingcebiso ingcaciso yokonga amanzi, ezinye iindlela zokusebenzisa amanzi, ukugqabhuka kwemibhobho, ukuvaleka kwayo nolwaphulo-mthetho lwemiqathango yokusetyenziswa kwamanzi

UMBUTHO OJONGENE NAMAQUA AMANZI EMZANTSI AFRIKA (BOREHOLE WATER ASSOCIATION OF SOUTHERN AFRICA)

Umnxeba: 011 447 0851

Ngoluhlu loonokotraka bamaqula amanzi kwingingqi yakho

ISEBE LEMICIMBI YEZAMANZI

Umnxeba: 012 336 8125/8046

Ingcaciso nge-Akhwifa/ngomgangatho wamanzi aphantsi komhlaba

KIRSTENBOSCH BOTANICAL GARDEN

Umnxeba: 021 799 8783

lingcebiso/ingcaciso ngokulima ngobulumko

UMTHETHO KAMASIPALA WAMANZI

IPhepha-ndaba likaRhulumente 6378: 01/09/06

EZINYE IINCWADANA KOLU LUHLU:

- Amaqula/imithombo (incwadana ye-2 kwezi-4)
- Ukusetyenziswa kwakhona kwamanzi amdaka (incwadana ye-3 kwezi-4)
- Ukuzigcinela amanzi emvula (incwadana ye-4 kwezi-4)

IZiko loNcedo ngomnxeba lesiXeko saseKapa:

0860 103 089

SMS: 31373 (oonobumba abali-160)
I-imeyile: WaterTOC@capetown.gov.za



CITY OF CAPE TOWN | ISIXEKO SASEKAPA | STAD KAAPSTAD

ESI SIXEKO SISEBENZELA WENA

AMANZI NOCOCEKO



CITY OF CAPE TOWN | ISIXEKO SASEKAPA | STAD KAAPSTAD

ESI SIXEKO SISEBENZELA WENA

INTSHAYELELO



IMithombo yaManzi engeMinye

Incwadana yoku-1 kwezi-4



Yiba yinxalenye yesisombululo Amanzi ethu, igugu lethu

Intshayelelo

Amanzi anqabile kwilizwe lethu yaye kucingelwa ukuba iNtshona Koloni iya kuba sisithili sokuqala ukuphelelwa ngamanzi ngaphandle kokuba kukho amanyathelo athatyathwayo ukulawula imfuneko yamanzi ngobuchule.

IsiXeko saseKapa sixhasa ukuqulungwa kweSicwangciso-buchule ngokubanzi sokulondolozwa nokuLawulwa kweMfuneko yaManzi. Kukwesi sicwangciso-buchule ukuba isiXeko sibone imfuneko yokuphucula imithombo engeminye yamanzi nobuchwepheshe, kugxilwe ngokukodwa kwimithombo yamanzi aphantsi komhlaba.

Ubuzazi na?

Igadi zethu zisebenzisa phakathi komyinge wama-30% nama-50% awo onke amanzi asekhaya asetyenziswayo. Ukusetyenziswa kwemithombo yamanzi engeminye kwiinjongo zokuncenkceshela kuya kususa uxinzelelo kwimithombo yethu yamanzi aselwayo.

Amaqula/imithombo

Amaqula aseadini/imithombo idlala indima ebalulekileyo kwizibonelelo zesixeko ezokhiweyo zonikezelo ngamanzi. Ngokusebenzisa amaqula abucala/imithombo kwiinjongo zokuncenkceshela, kothulwa umthwalo kwizibonelelo zamanzi zesixeko, ngeli xesha kusongiwa umthamo obonakalayo wamanzi nakwezemali ngokunjalo kusongezwa ixabiso kwipropati yakho.

Owona msebenzi uphambili wamanzi angaphantsi komhlaba kwisiXeko ngawokuncenkceshela iigadi kunye nokugcwalisa amadama. Kule meko yokugqibela amanzi makahlolwe ukufumanisa ukuba akulungele kusini na ukugcwalisa idama.

Uninzi lweendawo zeNtshona Koloni zinamanzi oneleyo angaphantsi komhlaba yaye ngenxa yoko kulula ukufumana iqula/umthombo oya kubonelela ngamanzi oneleyo ukuba asetyenziswa kwigadi yasekhaya.

Ulwazi lokuba iKapa lifumana amanzi emvula kulenza libe sesona sixeko silungileyo ukuziqqatsela ukufunxa amanzi aphantsi komhlaba kwiinyanga ezishushu nezomileyo zasehlotyeni.

Ngolwazi oluthe vetshe malunga namaqula/nemithombo uyacelwa ukuba ujonge incwadana yethu ye-2 kuluhlu lwazo.

- 1 Amanzi amdaka angasetyenziswa ngokuyimpumelelo ukuncenkceshela igadi.
- 2 Ungafumana iilitha ezingama-500 zamanzi ukuba kuqokelelwe umthamo oyi-5mm wamanzi emvula kuphahla oluyi-100m².
- 3 izityalo ezingafuni manzi angako ziba namagqabi angwevu, athambileyo okanye anoboya yaye abanamafutha amaninzi emagqabini.
- 4 Uninzi lweendawo eNtshona Koloni zinamanzi oneleyo angaphantsi komhlaba yaye ngenxa yoko kulula ukufumana iqula/umthombo oya kubonelela ngamanzi oneleyo ukuba asetyenziswe kwigadi yasekhaya.

Ukusetyenziswa kwakhona kwamanzi amdaka

Amanzi amdaka achazwa njengamanzi aseziibhafini, kwiishawa nakwizitya zokuhlambela izandla. Amanzi angasetyenziswayo akhutshwa kwizitya zokuhlambela zasekhitshini nakoomatshini bokuhlamba impahla (ngaphandle kokuba kusetyenziswa iisepha zokuhlamba impahla ezingenabungozi kokusingqongileyo) akabandakanywa apha ngenxa yokungcola okuqinileyo okufumaneka kuwo nempembelelo engathandekiyo yezithambisi-mpahla neminye imichiza enganqwenelekiyo kokusingqongileyo.

Amanzi amdaka angasetyenziswa kakuhle ukuncenkceshela igadi. Zininzi izixhobo zokugcina nokusebenzisa amanzi amdaka ezithengiswayo, ezinye ziyafikeleleka ngokwexabiso yaye kulula nokuzifakela.

Ngolwazi oluthe vetshe malunga nokusebenzisa kwakhona amanzi amdaka, uyacelwa ukuba ujonge incwadana yethu ye-3 kuluhlu lwazo.



Ukuzigcinela amanzi emvula

Ukuqokelela nokusebenzisa amanzi angawakho ngokuthi uzigcinele amanzi emvula oko kululutho kakhulu kuwe yaye kuya kukunceda kwixesha elizayo kwiingxaki zexesha elifutshane zokuphela kwamanzi. Ungafumana umlinganiselo wamanzi angama-500 ℓ ukuba kuqokelelwe amanzi imvula akwi-5 mm kuphahla ngalunye oluyi-100 m².

Itanki yamanzi emvula inokwakhelwa ze iqhagamshelwe eluphahleni ukuba lo manzi asetyenziselwe ukuncenkceshela igadi, ukuhlamba, ukucoca, ukugungxula ngasese okanye ukugcwalisa idama lokudada. Kananjalo iitanki zamanzi emvula zingatywinelwa imibhobho ukufaka amanzi kwintanki ezincinane zangasese ngalo ndlela kucuthwa umthamo omninzi wamanzi asetyenziswa rhoqo ukugungxula ngasese.

Ukusetyenziswa kweetanki zamanzi emvula kwiindawo ezifumana imvula ngexesha lasehlotyeni kungayinzuzo emandla kunezo zisebenzisa amanzi emvula ebusika. Nangona kunjalo itanki enomthamo oyi-5 000 ℓ esetyenziselwa ikakhulu ukugungxula kwindlu yangasese kwiindawo ezifumana imvula ebusika zingonga ukufikelela kumyinge we-15% rhoqo ngonyaka.

Ngolwazi oluthe vetshe ngokugcina amanzi emvula uyacelwa ukuba ujonge incwadana yethi ye-4 kuluhlu lwazo.

Ukulima ulumkile ekusebenziseni amanzi

Kwizindlu ezineegadi, zithi zisebenzise rhoqo ubuninzi bamanzi akumyinge ofikelela kuma-40 ukuya kuma-60% kuwo onke amanzi asetyenziswa ekhaya. La ngamanzi acociweyo, aselwayo (ahlawulelwa imali ukuwacoca) yaye kufuneka sicinge ngocoselelo ngokusebenzisa eminye imithombo yamanzi egadini.

Ngokudibanisa ukusetyenziswa kwamanzi aphantsi komhlaba naweminye imithombo yamanzi nokulima ngobulumko ungonga umthamo omninzi wamanzi. Ukuba kwigadi yakho ulime umyozo wemithana yemvelo neentyantyambo ayisayi kufuna amanzi amaninzi, ungaphantse ungafaki nezichumiso okanye izibulala-zitshabalalisi, yaye ikhangeleke intle unyaka wonke.

Kananjalo isiXeko saseKapa sidlala indima kwiinzame zokonga amanzi. Icandelo leePaki zesiXeko lityala iziqithana ezisenzindleleni, kwiziphambuka nakwiindawo ezisembindini 'ezinohlaza' lwemveli, olomeleleyo olubonelela ngendawo entle umphelo, yaye azifuni manzi angako nokulondolozwa, ngalo ndlela zongela isiXeko izigidi zeerandi.

Ukuze songe amanzi aseadini, ngaxeshanye sibe nembonakalo entle yezityalo, izityalo ezinokumelana nembalela ixesha elide mazityalwe ndawonye.

Ngobuchule bokonga amanzi, yenza isivundiso nesigcina-kufuma emhlabeni kabini ngonyaka ukugcina izityalo zakho ziphilile yaye zikwazi ukuzigcinela umhlaba ofumileyo. Amatye namaqokobhe angasetyenziswa ukogquma kwiindawo apho kukho imimoya ebhudlayo enokuphephula amaxolo ezityalo.

Ngokwesiqhelo, izityalo eziwongayo amanzi zibonakala ngamagqabi azo. Izityalo ezingafuni manzi angako ziba namagqabo angwevu, athambileyo okanye anoboya yaye aba namafutha amaninzi emagqabini awo.